



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement  
Western Cape Provincial Parliament  
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

**ALBERTINA SISULU  
1918–2011**

**UXWEBHU LWEMIBA 19**

UHLAZIYO 1, 29 JUNE 2018

Kulo nyaka eli lizwe libhiyozela iminyaka elikhulu yokuzalwa kwenye yeentombi ezigqwesileyo zomhlaba wase-Afrika, uMama Albertina Sisulu, owanikezela ngobomi bakhe ekulweleni inkululeko yamakhosikazi kunye nenkululeko yoMzantsi Afrika. Kolu xwebhu lwemiba sijonga nzulu ubomi bakhe ukususela ekuzalweni kwakhe ngo-1918 de wabe uyasweleka ngo-2011.



- U-Albertina Sisulu, itshamlilo lezopolitiko nomongikazi, yayiyenye yeenkokheli ezibaluleke kakhulu zomlo wenkqubo yobandlululo eMzantsi Afrika.
- Esaziwa ngabamthandayo njengoMa Sisulu, waqhuba nembono yamalungelo oluntu kubomi bakhe bonke, ephelekwa ngumyeni wakhe kwanomnye umzabalazi, ongasekhoyo uWalter Sisulu (1912–2003).
- Wakhulela kweyayisaziwa njengeTranskei ngaphambili. Njengomntwana wesibini kwabahlanu nomafungwashe, wadlala indima yokuba ngumama xa umama wakhe wagula kakhulu. Loo nto yathetha ukuba kwafuneka ukuba ahlale engayi esikolweni amaxesha amade, oko kukhokhelele ekubeni abemdala ngeminyaka emibini ngaphezu kwabo bonke abanye abafundi awayefunda nabo kunyaka wakhe wokugqibela wesikolo samabanga aphantsi.
- Waphulukana nesiphomali semfundo yamabanga aphakamileyo xa, wathi emva kokubekwa kwindawo yokuqala, waguzulwa ngenxa yomthetho omtsha wobudala. Inqaku lavela kwiphephandaba lommandla malunga nempatho yakhe engalunganga, nto leyo yatsala umdla wabefundisi bommandla waza wanikwa isiphomali semfundo yamabanga aphakamileyo kwiKholeji iMariazell eMatatiele eMpuma Koloni.
- Emva kokugqiba ngempumelelo imfundo yakhe, waqalisa ukuqeqeshwa njengomongikazi kwiSibhedlele saseRhawutini ngoJanuwari 1940.
- U-Albertina Thethiwe wadibana noWalter Sisulu in 1941, xa wayesebenza esibhedlele, baza batshata ngo-1944.
- Ngo-1948 uMa Sisulu wazibandkanya noMbuthe waManina we-ANC kwaza ngo-1950 wathabatha enye yeendima kwezininzi zobunkokheli kwi-ANC ne-FEDSAW (uMfelandawonye waManina oMzantsi Afrika).
- Wayengomnye wabaququzeleli boMngcelele weMbalu waManina wokulwisana namapasi oya kwiZakhiwo zoMdibaniso ePitoli ngo-1956.
- Wayechasene nemfundo ye“Bantu” esingela phantsi umntu omnyama kwaye indlu yakhe e-Orlando West eSoweto yayisetyenziswa njengendawo yemfundo ebhadlileyo de kwaphunyezwa umthetho ngakuyo.
- Bobabini uSisulu nomyeni wakhe banqakulwa bavalelwa entlongweni amatyeli aliqela ngenxa yemigushuzo yabo yezopolitiko.
- Ngo-1963, ngeli lixa wayelinde isiphumo sesibheni, umyeni wakhe washiya ikhaya labo ezimela amapolisa. Wanqakulwa wavalelwa phantsi kwe*General Laws Amendment Act* waza wagcinwa evaluelwe yedwa esiseleni phantse iinyanga ezimbini de umyeni wanqakulwa wavalelwa, nangona u-Albertina wayengakwazi oku.
- Kunyaka olandelayo ityala laseRivonia lagqityezelwa waza umyeni wakhe, omnye wabatyholwa, wafunyanwa enetyala waza wachitha ama-26 eminyaka esigwebo sobomi evaluelwe e*Robben Island*.
- U-Albertina Sisulu wavalelwa waza wagcinwa yedwa esiseleni ngemigushuzo yakhe ngo-1981 nango-1985.
- Ngo-1983 wonyulwa njengomnye wabongameli be-United Democratic Front (UDF)
- NgoJuni 1989 urhulumente wathi ekugqibeleni wamnika uxwebhu lokundwendwela kwamanye amazwe. Kwinyanga elandelayo wakhokela igqiza le-UDF ukuya eNgilane nase-USA waza wadibana neNkulumbuso yaseBhilitane uMargaret Thatcher, kunye noMongameli waseMelika uGeorge Bush Snr.
- Ngo-1994 Albertina Sisulu wasebenza kwiPalamente yoMzantsi Afrika yokuqala eyonyulwe ngedemokhrasi.
- Yena, umyeni wakhe nonyana wabo uZwelakhe baphumelele iimbasa zobuntu eziliqela. Ngo- 1986 wazuza iwonga lobomi baseReggio nell’Emilia, idolophu e-Ithali.
- Ngaphezu kweminyaka engama-50 uSisulu wazibophelela kwi-Albertina Sisulu Foundation, eyazinikezela ekuphuculeni ubomi babantwana abancinane nabantu abadala. Wathi wawongelwa ukuzibophelela kumzabalazo wokulwisana nenkqubo yobandlululo nomsebenzi wakhe wobuntlalontle xa iBhunga loXolo leHlabathi, elizinze eBasel, eSwitzerland, lamonyula njengomongameli walo ukususela ngo-1993 ukuya ku-1996.
- Waswelekela ekhayeni lakhe eLinden, eRhawutini, ngowesi-2 Juni 2011 ebudala buyiminyaka ingama-92, eshiya imbali engenakuze ilityalwe. Ngexesha lokusweleka kwakhe, uMa Sisulu washiya ngasemva abantwana bakhe abahlanu, uMax, Mlungisi, Zwelakhe, Lindiwe noNonkululeko, abatshana bakhe uGerald noBeryl, abazukulwana abangama-26 nabazukulwana babazukulwana abathathu.